



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2011**

**EASTERN CAPE**

**AMANQAKU: 120**

**IXESHA: 2 ½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ali-17.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linama CANDELO AMANE angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(60)
ICANDELO D:	Uncwadi	(20)

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Bhala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

#### ISICATSHULWA A

- 1.1 Funda esi sicutshulwa sihamba nomfanekiso waso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

#### linkukhu (iinkuku) zabutshintsha ubomi bukaSabina Khoza



- 1 USabina Khoza wayeligosa leentengiso kwinkampani ethile. Loo nkampani yavalwa yaza yazithengisa iikhumbi zayo. "Ndathenga iikhumbi ezsibhozo ndaze ndangena kwishishini leeteksi", utsho uSabina. Waziva ediniwe ngumlo weeteksi. Wemka elokishini waza wathenga ifama eZuurbekom kufuphi naseSoweto.
- 2 Ukufika kwakhe efama wancedwa ngabantu ukukhupha iiimpahla emotweni. Aba bantu babehlala efama kaSabina. "Bandicela ukuba ndingabagxothi bakuva ukuba ndingumnini (yejakhe le fama) omtsha wefama", utsho uSabina.

- 3 USabina waba novelwano waqonda ukuba kufuneka abancede. Aba bantu bamcebisa ukuba afuye iinkukhu. USabina wayengazithandi iinkukhu kuba wayezoyika. Nangona kunjalo wathenga amantshontsho alishumi. Kwaqengqeleta iinyanga iinkukhu zingaqanduseli (zingabeki maqanda). "Ngenye imini kwafika undwendwe lwasixeleta ukuba sifuye iinkunzi zeenkuku zodwa." USabina wathenga izikhukukazi wafumana noqequesho lokufuya iinkukhu. Iinkukhu zona zaqala ukuqandusela amaqanda.
- 4 USabina waqala ukuthengisa iinkukhu eKliptown. "Sasichitha i-R6.50 ekukhuliseni inkukhu nganye size sizithengise nge-R10 inye. Savuya kuba zathengwa zonke iinkukhu kungaphelanga neveki. Ukususela ngoko sithenge amantshontsho rhoqo sawakhulisa kwaye ngonyaka savelisa iinkukhu ezingama-50 000."
- 5 USabina uthengisela uCheckers noSpar imifuno. Uneeprojekti ezifundisa abantu ubuchule bokulima umbona nemifuno. "Ndiquequesha abantu balapha kwezolimo, ukanti abanye baba ngamaqabane am kweli shishini lokulima nokufuya."
- 6 USabina sele ezuze iimbasa ezininzi ngomsebenzi wakhe neziquka eyeFemale Farmer of the Year ngo-2003 ayifumene kwiSebe lezoLimo. Ngo-2004 ufumene neShoprite Checkers Woman of the Year. "Ngexesha leKrisimesi kulapho ndixakeka kakhulu kuze kuthi xa kuqala unyaka ndizikhuphe nabantwana bam siye kuzonwabiswa kwihotelle esemgangathweni," utshilo uSabina.

[Sikhutshwe kwiBONA kaNovemba 2006 saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1.

- 1.1.1 USabina Khoza wayesenzena owuphi umsebenzi kwinkampani ethile? (1)
- 1.1.2 USabina ulifumene njani ithuba lokuthenga iikhumbi? (1)
- 1.1.3 Uthenge iikhumbi ezingaphi? (1)
- 1.1.4 USabina wangena kweliphi ishishini ngezi khumbi? (1)
- 1.1.5 Nika isizathu sokuba uSabina athenge ifama eZuurbekom. (1)

Jonga kumhlathi 2.

- 1.1.6 Kwenzeke ntoni ukufika kwakhe efama uSabina? (1)
- 1.1.7 Uyavumelana okanye akuvumelani nolovo lokuba uSabina akazange abamkele abahlali basefama? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi 3.

- 1.1.8 Abahlali basefama bamnika icebo lokuba afuye ntoni uSabina? (1)
- 1.1.9 Eli cebo ulibhale kumbuzo 1.1.8 ingaba laphumelela ekuqaleni?  
Chaza. (2)
- 1.1.10 USabina wayisombulula njani ingxaki yakhe yemfuyo? (1)

Jonga kumhlathi 4.

- 1.1.11 USabina wathengisa iinkukhu zakhe eKliptown. Wafumana imali  
(ingeniso) engakanani ngenkukhu nganye? (1)
- 1.1.12 USabina waziva njani ngokuthengisa iinkukhu zakhe eKliptown? (1)

Jonga kumhlathi 5.

- 1.1.13 Nika enye indlela uSabina azuza okanye enza ngayo imali. (1)
- 1.1.14 Chaza iindlela ezimBINI uSabina anceda ngazo abantu. (2)

Jonga kumhlathi 6.

- 1.1.15 Siqonda njani ukuba uSabina ungumntu onempumelelo? (1)
- 1.1.16 Umntu angafunda ntoni akucinga ngobomi bukaSabina? (1)
- 1.1.17 USabina uthi uyaxakeka kakhulu ngexesha leKrisimesi. Ucinga  
ukuba kutheni esitsho? (1)

[20]

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga kule khathuni uze uphendule le mibuzo ilandelayo.



- 1.2.1 Ngubani umnini webhayisekile? (1)
- 1.2.2 Ingaba uStix uziva njani ekuqaleni malunga nokukhwela le bhayisekile? (1)
- 1.2.3 UShoti ungumntu onjani? Khetha kwezi mpendulo zilandelayo:  
A Ungumntu onembeko.  
B Ungumntu onenyaniso.  
C Ungumntu ogezayo. (1)
- 1.2.4 Kutheni uShoti ecela uxolo kubahlobo bakhe? (1)
- 1.2.5 Ngubani ophethwe yingalo? (1)
- 1.2.6 Ngubani obonakala esothukile kakhulu kunabanye kwibhokisi yesi-7? (1)
- 1.2.7 Ndinike esinye isizathu sokuba uStix ehlelwe yingozi. (1)
- 1.2.8 Mangaphi amajimbos aneempahla ezikrazukileyo kwibhokisi yesi-8? (1)
- 1.2.9 Ingaba abahlobo bakaShoti basamkele isicelo sakhe soxolo?  
Utsho ngoba? (2)  
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa singezantsi uze usishwankathela. Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo okanye ngomhlathi onezivakalisi ezisixhenxe. Landela le miyalelo xa ushwankathela.

- 2.1 Bhala izivakalisi ezisixhenxe uthethe ngeengcebiso eziphambili phambi kokubukela umdlalo wesoka. Isivakalisi ngasinye masiuke ingcebiso enye malunga nokulungiselela ukubukela umdlalo. Yenza ezakho izivakalisi ungakopi ngqo. (7)
- 2.2 Sebenzisa ulwimi olwamkelekileyo. (2)
- 2.3 Shwankathela ngamagama amalunga nama-40 ukuya kuma-50. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo. (1)

#### **OKUBALULEKILEYO PHAMBI KOKUBUKELA UMDLALO WEBHOLA EKHATYWAYO OKANYE ISOKA**

Amazwe ngamazwe ebeze kudlalela iNdebe yeHlabathi yesoka eMzantsi Afrika ngo-2010. Nazi izinto eziphambili ezinokujongwa ngabathandi besoka.

##### **Okokuqala: Ukuthenga amatikiti**

Eyona ngxaki ibangela abathandi besoka bazibone bengakwazi ukubukela imidlalo abayifunayo kukungathengi amatikiti ngethuba (ngexesha). Zininzi iindawo abantu abanokuthenga kuzo amatikiti kwaye ziyachazwa kwiTV nakumaphethandaba.

##### **Okwesibini: linkcukacha ngomdlalo**

Kubalulekile ukuba xa uthenga itikiti, ulazi ukuba iqela olithandayo liza kudlala nini okanye phi na. Oku kunceda ekubeni ungaziboni ubukela iqela ongalilandeliyo. Ungazifumana ezi nkukacha kumaphethandaba.

##### **Okwesithathu: Izithuthi**

Kubalulekile ukwenza amalungiselelo ngethuba ngesithuthi oza kusisebenzisa. Qinisekisa ukuba eso sithuthi usikhethileyo sifumaneka lula, sitshiphu kwaye sikhuselekile.

##### **Okwesine: Isinxibo**

Xa usiya emdlalweni kufuneka unxibe ngokufanelekileyo. Ngoko ke qala ngokujonga ingxelo yemozulu kumabonakude ukuze ukhethe impahla efanelekileyo.

### **Okwesihlanu: Ukuhamba ngexesha**

Enye yezinto ezibaluleke kakhulu xa usiya kubukela umdlalo kukuhamba kuselithuba ukuze ufile kwangexesha kumabala emidlalo kwaye nendawo yokuhlala uyifumane lula.

### **Okwesithandathu: Imali**

Kukwabalulekile nokuphatha imali eyaneleyo xa usiya emdlalweni ukuze ube nakho ukuzithengela isiselo okanye ukutya ngexesha lokuphumla. Oku kutya kunceda ngokukunika amandla okucula nokukhalisa ivuvuzela.

### **Okwesixhenxe: Ukhuseleko**

Ukuqinisekisa ngokhuseleko yeyona nto ibaluleke kakhulu xa uphakathi kwabantu abaninzi. Qinisekisa ukuba iselula-fowuni yakho isebenza kakuhle kwaye inazo iinombolo zabantu ohamba nabo.

[Icatshulwe kwiKICKOFF magazine, Januwari 2009 yaze yahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B:** 10

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3

3.1 Dibanisa ezi zivakalisi zibini zibe sisivakalisi esinye.

Umzekelo: Indoda ihlakula egadini. (Indoda) ityala imifuno.

Impendulo: Indoda ihlakula egadini ityale imifuno.

3.1.1 Abahlolo bam baza kuya esitishini sikaloliwe. (Abahlolo bam)  
bathenga amatikiti. (1)

3.1.2 Ixhego lifunda incwadi enika umdla. (Ixhego) alithethi nomfazi. (1)

3.2 Bhala ezi zivakalisi zibe kwisinye.

3.2.1 Izinja ziyakhonkotha namhlanje. (2)

3.2.2 Abafundi baza kubhala ngomso. (2)

3.3 Lungisa la magama ngokulandelana kwawo (1 – 4) njengokuba uza kuwafumana kwidikshinari yesiXhosa.

Udyakalashe; -deka; uduli; isidudu (4)

3.4 Yenza imibuzo eza kuhamba nezi mpPENDULO ZILANDELAYO. Imibuzo yakho mayikhokelwe ligama elinomgca ngaphantsi.

3.4.1 Ndiza kubhala ngepeni. (1)


3.4.2 Uloliwe kamama ufile ngo-8 ebusuku. (1)

3.4.3 Eli qela likore amanqaku amathathu. (1)

3.4.4 Sikhulu isikolo sasedolophini. (1)

3.5 Tshatisa umfanekiso ngamnye nesenzi esifanelekileyo kwibhokisi engezantsi. Bhala inombolo yombuzo kunye nonobumba ofanelekileyo.


3.5.1




3.5.2



3.5.3




3.5.4



A: ukuhlafuna; B: ukubhala; C: ukucela; D: ukuvuka;  
E: ukusela; F: ukurhona

(4)

- 3.6 Tshatisa umfanekiso ngamnye nesivakalisi esichanekileyo kwezi zingezantsi.  
Bhala inombolo kuphela.



- 3.6.1 Le ndoda imfutshane kunamanye amadoda. (1)
- 3.6.2 Yeyiphi indoda enganxibanga bhulukhwe ende? (1)
- 3.6.3 Le ndoda inxibe ihempe enamaqhosha amabini. (1)
- 3.6.4 Le ndoda inde ibhityile. (1)
- 3.7 Phinda ubhale ezi zivakalisi zibe kwimo elandulayo.
- 3.7.1 Utitshala uza kusifundisa ngomso. (1)
- 3.7.2 Intombazana iyazoba. (1)
- 3.7.3 Ndonwabile. (1)
- 3.7.4 Inkwenkwe ibidada elwandle. (1)
- 3.8 Phinda ubhale ezi zivakalisi kwixesha olinikiweyo.
- 3.8.1 Ibhasi iza kuhamba emva kwemini. (ixesha eladlulayo). (1)
- 3.8.2 Iqela lethu lehoki alidlali kakuhle. (ixesha elalidlula). (1)
- 3.8.3 Umama akazange acinge ngokusixeleta. (ixesha langoku). (1)
- 3.8.4 Ixesha lokugoduka liyafika. (ixesha elidlulileyo). (1)
- [30]

## UMBUZO 4

4.1 Fakela izalathandawo kwezi zivakalisi zilandelayo. Bhala igama kuphela.

Umzekelo: Umfundi ubeke incwadi (idesika).

Impendulo: edesikeni ✓

4.1.1 Inja yam ilele (umgangatho). (1)

4.1.2 Oomakhulu bathanda ukuhlala (isofa). (1)

4.1.3 Laa nkwenkwe isileyo yandikhaba (umlenze). (1)

4.2 Izakhi ezikrwelelwe umgca ngaphantsi zibonisa ntoni kwezi zivakalisi zilandelayo? Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

(i) Isini

(ii) Ukuzalana

(iii) Ubukhulu

4.2.1 Hamba uye evenkileni uthenge inkukwana. (1)

4.2.2 Ndithanda utitshalakazi wam wesiXhosa. (1)

4.2.3 Isityebi sithenge indlukazi ngaselwandle eThekwini. (1)

4.3 Funda ezi zivakalisi zikuKHOLAM A uxitshatise nezaci ezichanekileyo kuKHOLAM B.

KHOLAM A	KHOLAM B
4.3.1 USiphokazi uhamba ngokuzidla kuba udlalela iqela lokuqala esikolweni sakhe.	A Ukuba yinyoka  B Ukucela amehlo
4.3.2 Laa mntu andimthandi kuba usoloko engathethi nyaniso ngam.	C Ukuba namehlo ekati  D Ukuba nentaka
4.3.3 Bendingathandi ukuhlala ndodwa ekhaya. Bendisoloko ndicinga ngeziporho.	E Ukuba nesibindi


(3)

- 4.4 Dibanisa izivakalisi ezibini ezingezantsi ngokusebenzisa izihlanganisi ezifanelekileyo. Khetha isihlanganisi esifanelekileyo kwibhokisi engezantsi ubhale isivakalisi.

kodwa; kuba; de; okanye; ukuze; ngakumbi; xa


- 4.4.1 Abafundi bam baza kufunda le ncwadi. Bayayiqonda. (1)
- 4.4.2 Bafuna ukubukela umdlalo wesoka esitediyam. Abanamali yokuthenga amatikiti. (1)
- 4.4.3 Umhlobo wam uthanda ukuthetha nabantu. Abantu abasithethayo isiXhosa. (1)
- 4.5 Jonga kule tshathi uphendule imibuzo malunga nokusela utywala kakhulu kwabantwana ezikolweni.

### Ukusela utywala kakhulu (ulwimi / isini)



- 4.5.1 YINYANISO okanye BUBUXOKI? Amantombazana asela kakhulu kunamakhwenkwe. (1)
- 4.5.2 Mangaphi amakhwenkwe athetha isiAfrikansi nesiNgesi asela utywala? Bhala ipesenti (%). (1)
- 4.5.3 Olona lwimi lusela kakhulu luluphi? (1)
- 4.5.4 YINYANISO okanye BUBUXOKI. Amakhwenkwe athetha isiAfrikansi kuphela namantombazana esiNgesi ayafana (ayalingana) ngobuninzi. (1)

- 4.5.5 Mangaphi amantombazana esiXhosa aselayo? Bhala ipesenti. (1)
- 4.5.6 Uyavumelana nento yokuba abantwana basele utsywala esikolweni? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.6 Yakha isibizo ngokusebenzisa ezi zenzi zilandelayo.
- Umzekelo: -tya  
Impendulo: isitya/izitya/ukutya ✓
- 4.6.1 -dinga (1)
- 4.6.2 -nceda (1)
- 4.6.3 -thetha (1)
- 4.7 Funda esi sicutshulwa uze ulungise ulwimi olungamkelekanga kumagama akrwelelwego umgca ngaphantsi (4.7.1 – 4.7.5). Bhala amagama amaHLANU kuphela.  
Izolo kufike inkwenkhwe (4.7.1) entsha esikolweni zethu (4.7.2). Lo mfo omde (4.7.3) kwaye uthanda ukuwudlala (4.7.4) imidlalo. Amantombazana acinga ukuba mhle kwaye onke bafuna (4.7.5) ukuthetha naye. (5)
- 4.8 Jonga kule mifanekiso uxele ukuba aba bantu baziva njani. Bhala unobumba kuphela.



A: uyagodola; B: unxaniwe;  
C: uvuthwe ngumsindo; D: ulambilile

(3)  
[30]

**AMANQAKU ECANDELO C:** 60

## ICANDELO D: UNCWADI

### Imiyalelo

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha **AMATHUNZI OBOMI** uze uphendule UMBUZO 5.1, 5.2 kunye noMBUZO 5.3.
- Ukuba ukhetha **IHOLIDE EBIWEYO** uze uphendule UMBUZO 6.1 kunye noMBUZO 6.2.

### UMBUZO 5: **AMATHUNZI OBOMI** – nguJJR Jolobe

5.1 Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo ngesiXhosa. Bhala izivakalisi ezizeleyo.

UKRILA: (Ephuma) Enkosi, Dlomo

UMADLOMO: (Ehlamba isitya) Abantu beNkosi abasazi isilingo endikuso ngoku. Umoya uyathanda wona. Inyama ililela ukutya nempahla yokunxiba. Yonke le nto nerente neminikelo kufuneka iphume kwimali yevasi. Akukho msebenzi ungomnye endingaqeshwa kuwo ukuze ndizuze imali engaphezulu. Hayi, kunzima emhlabeni!

(*Kuvakala izingqi zomntu ozayo*)

UMADUMA: Nkqo! Nkqo! Nkqo!

UMADLOMO: Ngaphakathi.

- |       |  |     |
|-------|--|-----|
| 5.1.1 | Ngubani lo Krila wayephuma kwaMaDlomo? Wayeze kumbonela ntoni uMaDlomo?      | (2) |
| 5.1.2 | Sesiphi isilingo awayekuso uMaDlomo?   | (2) |
| 5.1.3 | Kwafika uMaDuma kwaMaDlomo. UMaDuma wayeyintoni kuMaDlomo?                   | (2) |
| 5.1.4 | UMaDuma waphinda watyelela uMaDlomo ekupheleni kwebali. Wayemphathele ntoni? | (2) |

- 5.2     UMADLOMO: Ngxaki!
- UNGXAKI: Mama!
- UMADLOMO: Undivisa ubuhlungu mntwan'am ngezi zinto uzithethayo. Uz' ungabe usele kwakhona, uz'ungabe udlale iidayisi, uyeva? (*UNgxaki uthi tu akathethi uqondele phantsi*)  
                Masiphume baza kufika abantu. Ziyekeni izitya ndobe ndizihlambe. Hambani ngoku nokubuya bakumka.
- 5.2.1    UMaDlomo weva ngezenzo ezibi zikaNgxaki. Nika imizekelo yazo.  
                Wafunda phi ukwenza ezi zinto? (3)
- 5.2.2    Aba bantu babeza kufika kwaMaDlomo babeze kwenza ntoni? (1)
- 5.2.3    Kwenzeka ntoni ngoNgxaki ekupheleni kwebali? (2)
- 5.3     (Ethakazela ngasemnyango ukuhlangabeza unina ongenayo).
- UTHEMBA: Tyhini! Umama! Ubuyile, mama! Ndiyavuya! Bekusithukuthezi  
                ekhaya ungekho. Uphume njani, mama?
- 5.3.1    Ngubani lo ufika ekhaya? (1)
- 5.3.2    UThemba ngumntwana omkhulu okanye omncinci endlwini?  
                Ngubani omnye umntwana kweli bali? (2)
- 5.3.3    Umama kaThemba wayevela phi ngoku? (1)
- 5.3.4    Umama waphuma njani kule ndawo? (2)
- [20]

### OKANYE

#### UMBUZO 6: UMZALI WOLAHLEKO – nguSB Sinxo

- 6.1     Funda ezi zicatshulwa zilandelyo ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo ngesiXhosa. Bhala izivakalisi ezizeleyo.

"Ndopho! Hina, Ndopho!" wakhwaza \_\_(a)\_\_  
"Weyi!" yatsho ekaNdopho impendulo esabela.  
"Utsho kubani ukuthi 'weyi' Ndopho?"  
"Undibizela ntoni wena?", ethethela phantsi.  
"Kowu, abantwana begesi! Abantwana belakteki!"  
"Andingomntwana welakteki mna!"

- 6.1.1    Ngubani lo wayekhwaza esithi: "Ndopho!" Lo mntu wayeyintoni  
                kuNdopho? (2)

- 6.1.2 Yayiyintoni isizathu sokuba aba abantu baphikisane ngolu hlobo? (2)
- 6.1.3 Wayesithini uNdopho kulo mfazi uku 6.1.1 (a) ukumthuka? (1)
- 6.1.4 Kwakusenzeka ntoni phakathi kukaNdimeni noNojaji emva kwale ngxabano? (2)
- 6.1.5 UNdopho wayesithi "andiyontombazana mna!" Kutheni esitsho? (2)
- 6.2 Wayethetha esithi, "Titshala! Titshala, umbethela ntoni umntwan'am?  
Waphuma phandle utitshala esiya kuthetha naye.  
"Nkosikazi, umntwana wakho akohlwaywanga ngaphezulu kukaNquphephe,"  
ucacise ngokuzola utitshala.
- 6.2.1 Ngubani lo uthi "Titshala! Titshala, umbethela ..." UNdopho wayebethelwa ntoni ngutitshala? (2)
- 6.2.2 Lo mntwana uzalana njani nalo mfazi uthetha noTitshalakazi? (1)
- 6.2.3 Mfundu, ucinga ukuba isenzo sikaNojaji sokuya esikolweni silungile? Kutheni usitsho nje? (2)
- 6.2.4 Lo titshala wayengumntu onjani? (2)
- 6.2.5 Kwenzeka ntoni ngale nkwenkwe inguNdopho ekupheleni kwebali? (2)
- 6.2.6 Mfundu, ucinga ntoni ngomsebenzi wabazali ebomini babantwana babo? (2)

**AMANQAKU ECANDELO D:** 20  
**AMANQAKU EWONKE:** 120  
[20]